Ungasicwangcisa njani isifundo ngokufanelekileyo

ISIXHOSA

Inyaniso

Ukufunda okukuko kuvela **ekwenzeni** – oku kuthetha ukuthi yenza umntwana wakho athethe, abhale kwaye acinge ngomsebenzi kangangoko kunokwenzeka.

ISIXHOBISO ESIPHEZULU

YAHLULA ISIFUNDO SAKHO SIBE ZIZIQENDU EZITHATHU:

1 SENKCAZELO

Isiqendu senkcazelo – Kulapho umntwana ubuninzi emamela kwaye abukele.

2 SOKUZIQHELISA

Isiqendu sokuziqhelisa – Kulapho nenza izinto kunye.

3 SOKWENZA

Isiqendu sokwenza – Kulapho umntwana ezizamela ngokwakhe.

NANGA AMANQANABA OKUQALA “KAKANJANI”

1. Sijonge isifundo phambi kokusiqhuba ukuze wazi oza kukwenza.
2. Bhala injongo yesifundo – umntwana wakho uza kufunda ngantoni, kwaye uza kwenza ntoni ukuze abonise ukuba uyaqonda?
3. Cwangcisa isifundo malunga nale mibuzo mithathu:

Ndiza kumcacisela njani umntwana wam emakwenziwe kwesi sifundo?

Siza kwenza ntoni sobabini ukuziqhelisa ngesi sakhono?

Uzakwenza ntoni umntwana wam ukundibonisa ukuba uyawuqonda lo msebenzi?

KHUMBULA

JONGA UKUBA BAYAQONDA NA:

Hlola ukuba uyaqonda ngokubuza imibuzo nangokujonga umsebenzi wakhe. Ukuba kukho impazamo, wuphinde umsebenzi kwakhona ukuze uqiniseke ukuba umntwana wakho uyaqonda

YIBA KHONA:

Ukuba ngaba umntwana wakho wenza isifundo sevidiyo kwi-intanethi, kubalulekile ukuba khona ngokomzimba umxhase ngokumnika ingxelo ngentetho nangemvakalelo xa kusenzeka.

YONWABA:

Okokugqibela, yenza kube mnandi! Abantwana bafunda ngcono xa bonwabile.

#EdufundiAtHome

4 videos 4 techniques to help you be a champion teacher at home

www.edufundi.org.za /EdufundiSA @edufundi

**These techniques are adapted from the book Teach Like A Champion written by Doug Lemov*